Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

NELSON MANDELA
1918–2013

UXWEBHU LWEMIBA 20

UHLAZIYO 1, 29 JUNE 2018

Ngo-2018 uMzantsi Afrika nabantu behlabathi babhiyozela iminyaka elikhulu kaNelson Mandela. Umxholo wemibhiyozo yeminyaka elikhulu uthi *Yiba yiMbali*, nto leyo ethatha ukuba wonke umntu kufuneka alinganise iintsulungwane eziyinyaniso zikaMadiba, isiswenye senkokheli esabonisa ihlabathi ukuba ukungacingeli wena noxolelaniso ziintoni na, wazabalazela inkokheli yabantu bonke, waza wafezekisa ubulungisa nolingano lwakhe wonke ubani. Ngokuphila iintsulungeko zakhe, zingagcina iphupha loMzantsi Afrika nehlabathi elingcono liphila. Kolu xwebhu lwemiba sinyathela kwimizila kaMandela, ukususela ekuzalweni kwakhe ngo-1918 de wasweleka ngo-2013, siphumla kwiimpawu ezibalulekileyo kolu hambo.

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600

- UNelson Rolihlahla Mandela wazalwa ngowe-18 Julayi 1918, unyana wenkosi nephakathi eliyinkosi kwingotya yabaThembu nelungu lesiduko sakwaMadiba.
- Igama likaMandela nguRhohlihlahla, elithetha “ukurhuqa isebe lomthi” okanye ngentetho yale mihla “umqhwayi wodushe”. Wanikwa igama lika “Nelson” yititshalakazi.
- Ngo-1934, xa wayeminyaka ili-16, uMandela waya ebakhwetheni esiya “kwalwaluka”, isiko lamakhwenkwe angena ebudodeni. Kwakulo nyaka umnye wabhalisa eClarkebury, isikolo apho waziswa okokuqala kudidi lwemfundo yaseNtshona.
- UMandela, ilungu lokuqala losapho lwakhe ukuya kufunda kwisikolo samabanga aphakamileyo, wabhalisa eHealdtown, iKholeji yaMawesile eBhofolo, apha waphumelela imatriki ngo-1938 ebudala buyiminyaka eli-19.
- Emva kwesikolo semfundo ephakamileyo uMandela waya kwiDyunivesithi yakwaNokholeji, apho wenza izihlobo zobomi ezininzi, kuquka u-Oliver Tambo. Ngo-1940 kwaphela ubudlelwane phakathi kwakhe nedyunivesithi malunga nolonyulo lweBhunga eliMele aBafundi waza wamshiya uNokholeji.
- Waqala ukusebenza njengomabhalana waza emva koko njengepolisa lomgodi eCrown Mines. Wathi wagxothwa, nangona kunjalo, kuba wanyevulela uNkosi Dalinyebo. Emva kokubonkalisa ukuzisola nokuqinisekisa iNkosi ngomnqweno wakhe wokuhlala eRhawutini, wafumana imvume yeNkosi nenkxaso yezemali.
- ERhawutini uMandela waziswa kuWalter Sisulu, owamthabatha wamfaka phantsi kwekhwapha lakhe. USisulu, owazibandakanya ne-ANC ngo-1940, waba ngumhlobo wobomi bakhe bonke, ikhankatha lakhe lezopolitiko neqabane.
- Emva kokugqibezela i-BA yakhe ngezifundo zabucala e-Unisa, uSisulu wafumana ifemu yamagqwetha amhlophe eyayikulungele ukuqesha uMandela yaza yambhalisa njengomabhalana oqeqeshelwa ubugqwetha. Ngelixa esebenza kule femu, uMandela wabhalisela isidanga se-BA kumthetho kwiDyunivesithi yaseWitwatersrand.
- Ngo-1944 uMandela wazimanya ne-ANC kwaza kungekudala wayinxalenye yeqela leengqondi eziselula elaba ngumkhosi owaqhuba ukusekwa kweKhaba loLutsha lwe-ANC.
- Ngowe-15 Julayi 1944 uMandela wazimanya ngeqhina lomtshato u-Evelyn Mase, umongikazi kwiSibhedlele saseRhawutini, kwanomzala kaSisulu. Ngo-1945 u-Evelyn wazala umntwana wokuqala wesi sibini, inkwenkwe eyathitywa ukuba nguMadiba Thembekile. U-Evelyn wayekuphela kosebenzayo esondla usapho ngeli lixa uMandela wayefunda kwaye enikezele ngexesha lakhe kwezopolitiko. Ngo-1946 intombi yabo, uMakaziwe, yazalwa, kodwa yasweleka iselusana.
- Ngo-1948 iQela laManashinali laphumelela ngongciphu ulonyulo lwabamhlophe bodwa ngenqwanqwa lomgaqo-nkqubo omtsha wolwahlulo lweentlanga olugqibeleleyo, olubizwa “inkqubo yobandlululo”.U Mandela, uSisulu noTambo baqalisa ukugayela i-ANC ukuba ingenele inyathelo lokulwa lesininzi. Indibano yempumelelo “yoSuku lwaBasebenzi - May Day” (1 Meyi) yaqhuba ngo-1950. Urhulumente wangoko waphendula ngogonyamelo olungathethekiyo.
- Ngo-1952 i-ANC yangenela kumaphulo okulwisana nemithetho yenkqubo yobandlululo. Ebizwa “aMaphulo oNyevulo”, akazange azise nguqu kule mithetho, kodwa ayiguqula i-ANC yangumbutho osekelezwe kwisininzi nolwayo.
- U-Oliver Tambo wazibandakanya noMandela njengehlakani kwiifemu yomsebenzi yezomthetho ngo-1952 – inkampani yokuqala yezomthetho eqhutywa ngama-Afrika kweli lizwe. Kwiminyaka emibini eyalandelayo basebenza kunye, bethethelela amakhulu abantu ababechatshazelwe yimithetho yenkqubo yobandlululo.
- NgoDisemba 1952 uMandela namanye amatshantliziyo ali-19 banqakulwa bavalelwa baza, ngokwemigaqo yoMthetho woCinezelo loBukomanisi, babekwa ityala bagwetywa iinyanga ezilithoba bethothoza nzima emjiva, ezinqunyanyiswe iminyaka emithathu. Waphinda wanikwa umyalelo wokumvala umlomo owamthintela ukuba azimase iindibano iinyanga ezintandathu okanye ashiye iRhawuti. Le miyalelo yahlaziywa kuphindaphindwa ukuthintela ifuthe lakhe kodwa uMandela wahlala edlala indima kuwo onke amaphulo aphambili e-ANC.

- Ubunzima bokuzinikela okwanyukayo kuMandela kwezopolitiko kwaphela eqhawula umtshato wakhe no-Evelyn ngo-1958.
- UMandela yayiyenye yeenkokheli ezili-156 ezavalelwayo zaza zabekwa ityala lovukelo-mbuso emva kogqogqo lwamapolisa ngoDisemba 1956. Eli tyala lovukelo-mbuso latsala iminyaka emine nesiqingatha. Ngo-1958 Mandela wazimanya ngeqhina lomtshato noNomzano Winifred Madikizela, unontlalontle waseBizana.
- NgoMatshi 1961 yena kunye nawayetyholwa nabo abangama-36 kwityala lovukelo-mbuso bafunyanwa bengenatyala.
- IPan-Africanist Congress (PAC) yamemelela uqhankqalazo lwesininzi lokulwisana namapasi ngowama-21 Matshi 1960. Amapolisa axhobileyo kwisikhululo samapolisa eSharpeville avulela ngeembumbulu kubaqhankqalazi, ebulala abantu abangama-69 kwaye esonzakalisa ama-200 kokwaziwa njengeSharpeville Massacre. Imeko yonxunguphalo yabhengezwa. UMandela namanye amatshantliziyo angama-2 000 ezopolitiko aphuma kuyo yonke imibutho yenkululeko banqakulwa bavalelwa.
- Ngowesi-8 Epreli 1960 urhulumente wavala umlomo i-ANC ne-PAC.
- UMandela washiya ikhaya lakhe ebaleka amapolisa waza wahlala ezingelwa ngamapolisa iinyanga ezilandelayo ezili-17. Kwathi kwakucaca ukuba inkcaso enodushe ayiphepheki eMzantsi Afrika, Umkhonto weSizwe (Spear of the Nation) wasekwa. UMandela, iNkumanda ePhambili yokuqala yawo, waya eCasablanca, ukuya kufumana uqeqesho lokulwa urhubuluza kwi*National Liberation Front of Algeria* (NLFA).
- Ngowesi-5 Agasti 1962 uMandela wabanjwa waza wagwetywa iminyaka emihlanu ethothoza entolongweni ngokufunza nokushiya eli lizwe ngokungekho mthethweni. UMandela wachitha iinyanga ezisixhenxe kwiNtolongo eseMbindini yasePitoli phambi kokuthunyelwa eRobben Island.
- NgoJulayi amapolisa agqogqa indlu ekhuselekileyo yoMbutho waMakomanisi oMzantsi Afrika eLilliesleaf Farm, eRivonia. UWalter Sisulu, uGovan Mbeki, uRaymond Mhlaba, u-Ahmed Kathrada, uDennis Goldberg noLionel Bernstein babephakathi kwabo babanjwayo. Amapolisa afumana idayari kaMandela yehambo yakhe yase-Afrika, amaxwebhu anxulumene nokuveliswa kweziqhushumbisi neekopi zoqulunqo lwememorandam malunga nemfazwe yorhubuluzo.
- ITyala laseRivonia laqala ngo-Okthobha 1963. UMandela waziswa esuka eRobben Island ukuba aze kujongana netyala kunye namaqabane akhe ngamatyala otshabalaliso, iyelenqe lokubhukuqa urhulumente ngokuvukela, nokuncedisa ungeno oluxhobileyo loMzantsi Afrika yimikhosi yamazwe angaphandle.
- Ngowe-12 Juni 1964 bonke abatyholwa bagwetywa ubomi bethothoza emijva eRobben Island.
- UMandela wagcinwa kwicandelo lwakwa-B, kwisisele esisodwa, ukuze angafaki futhe kwamanye amabanjwa.
- UMandela wafumana utyelelo kwinkosikazi yakhe, uWinnie, ngoJulayi 1966 noJuni 1967, kwanakumama wakhe, kunye nentombi yakhe uMakie nonyana uMakgatho, ngo-1968. Ngo- 1969, unyaka wakhe wokuqala, uThembi, wasweleka kwingozi yezendlela.
- Phakathi ko-1975 no-1976, ekunye noWalter Sisulu no-Ahmed Kathrada, uMandela wabhala incwadi yobomi bakhe. Imibhalo engekashcilelwa yokuqala yangcwatywa kwsitiya semifuno kodwa amasentile entlongo ayifumana ngo-1977 ngexesha lomsebezni wokwakha. UMac Maharaj wakwazi ukuthubelezisa ngaphandle iikopi xa wathi wakhululwa emjiva. Le mibhalo ingekashicilelwa yenza isiseko sencwadi yobomi bukaMandela, i*Ndlela eNde eYa eNkululekweni*, eyapapashwa ngo-1995.
- Ngo-1982 uMandela namanye amabanjwa ezopolitiko basuswa basiwa ePollsmoor. Kwangalo nyaka mnye iphulo i “Khulula uNelson Mandela”, namakhwelo okwayo lwezoqoqosho, laba ngenye yezona zintshukumo zinamandla zembumba ezimbalini, i-Anti-Apartheid Movement.
- Ngo-1985 uMandela wala ukununuswa ngowayesakuba nguMongameli weLizwe uPW Botha ukuze amkhulule phantsi kwemeko yokuba udushe kunye nomzabalazo wezixhobo mawulahlwe.
- Imibhiyozo kwihlabathi lilonke, ingakumbi umnyadala womculo yeeyure ezili-12 eLondon yosuku lokuzalwa lweminyaka engama-70 kaMandela, yatsala ingqwalasela enkulu aza amazwe amaninzi angaphandle aqalisa ukubeka uxinzelelo kurhulumente woMzantsi Afrika ukuba akhulule uMandela.
- Ngo-1988, emva kokulaliswa esibhedlele enyangelwa isifo sephepha, uMandela wathunyelwa kwindlu ekumasango eNtolongo iVictor Verster ngasePaarl.

- Ngowesi-4 Julayi 1989 uMandela wabamba intlanganiso emfutshane nomongameli weLizwe uPW Botha eTuynhuys. UMandela kwakhona wamemelela ukukhululwa ngaphandle kwemiqathango kwawo onke amabanjwa ezopolitiko, nto leyo uBotha wala ukuyenza. UBotha wabeka phantsi njengomongameli welizwe ngo-Agasti 1989.
- NgoDisemba 1989 uMandela wadibana nomongameli welizwe omtsha, uFW de Klerk. Urhulumente waqonda ukuba inkqubo yobandlululo yayifikelela esiphelweni sayo waza wakhetha uthethathethwano ne-ANC.
- Ngowesi-2 Februwari 1990 uMongameli weLizwe uFW de Klerk wabhengeza ukuvulwa komlomo kwe-ANC kuyo nayo yonke eminye imibutho yezopolitiko eyayivalwe umlomo, kunye nokukhululwa kukaMandela nawo onke amanye amabanjwa ezopolitiko. NgeCawe owe-11 Februwari emva kweminyaka engama-27 entolongweni, uMandela wakhululwa.
- NgoMeyi 1990 uMandela ukhokele igqiza le-ANC kuthethathethwano nabameli borhulumente woMzantsi Afrika eGroote Schuur eKapa, nto leyo yakhokelela kwiMizuzu yaseGroote Schuur. Oku kwabethelela ukuzibophelela kwazo zombini i-ANC norhulumente wangoko ukuphelisa udushe lwezopolitiko olwalutyhutyhe ilizwe.
- NgoJulayi 1991 uMandela wenyulwa njengoMongameli we-ANC, engena endaweni yogulayo u-Oliver Tambo.
- UMandela watyikitya iSivumelwano soXolo sikaZwelonke egameni le-ANC ngoSeptemba 1991. Esi sivumelwano phakathi kweqela lemitbutho yezopolitiko saseka iziseko nemigaqo yokuphelisa udushe lwezopolitiko.
- Intlanganiso yeCodesa (iNgqungquthela yoMzantsi Afrika weDemokrasi) ithabathise ngoDisemba 1991. Emva kokuba iintlanganiso ezilandeleyo zingezanga nasiqhamo, i-ANC yamemelela iphulo lenyathelo lesininzi ukufaka uxinzelelo kurhulumente woMzantsi Afrika.
- Ngowe-13 Epreli 1992 uMandela wabhengeza kwinkomfa yoonondaba ukuba yena nenkosikazi yakhe, uWinnie, bavumelene ukwahlukana ngenxa yeeyantlukwano ezingalungisekiyo.
- Kulandela ukugwintwa kwenkokheli yeQela laMakomanisi oMzantsi Afrika uChris Hani ngo-Epreli 1993, uMandela wamemelela inzolo, ucwangco noxolo.
- Ulonyulo lokuqala lwedemokrasi lwaqhuba ukususela ngowama-27 ukuya kowama-29 Epreli 1994 yaza i-ANC yaphumelela ngama-62% evoti kwazwelonke. Ngowesi-9 Meyi uMandela wonyulwa njengomaongameli.
- KwiNtetho yakhe engoBume beSizwe ngowama-24 Meyi 1994 Mandela wabhengeza isibonelelo sohlahlo lwabiwo-mali seNkqubo yoLwakhiwo ngokuTsha noPhuhliso karhulumente (RDP).
- Kumhla wakhe wokuzalwa wama-80 eminyaka ngowe-18 Julayi 1998, uMandela watshata inkosikazi yakhe yesithathu, uGraça Machel, umhlolokazi wowayesakuba ngumongameli waseMozambique, uSamora Machel.
- UMandela ushiye kubomi bepolitiki ngoJuni 1999 emva kokugqiba ixesha lakhe lokuqala njengomangameli, kodwa waqhuba edlala indima esebenzayo yolamlo kwiimbambano kwihlabathi jikelele.
- Ngo-2003 kwafunyaniswa ukuba unomhlaza wamatapile kwaza ngowoku-1 Juni 2004 uMandela wabhengeza ukuba uyabushiya ubomi baseburhulumenteni ukuya konwabela ubomi obuzolileyo. Wanikezela ngobuninzi bexesha lakhe eqokelelela imali iNgxowamali yaBantwana kaNelson Mandela.
- Ngo-2007, uMandela waseka i*The Elders*, iqela leenkokheli ezili-12 ezizihandiba elichotshelwe nguBhishophu Desmond Tutu, ngenjongo yokusebenzisa ubulumko bazo ukusombulula iingxaki zehlabathi jikelele.
- IGeneral Assembly yeZizwe eziManyeneyo ibhengeze ngowe-10 Novemba 2009 ukuba usuku lokuzalwa lukaMandela, owe-18 Julayi, uza kwaziwa ke ngoko njengo “Suku lukaMandela”, luphawula igalelo lakhe kwinkululeko namalungelo oluntu.
- UMandela usweleke ngoxolo ngowesi-5 Disemba 2013 ekhayeni lakhe eHoughton Estate, eRhawutini. Inkonzo yakhe yesikhumbuzo yabanjwa ngowe-15 Disemba kwiBala lezeMidlalo lase-FNB, eRhawutini, yaza yazinyaswa ziintloko zamazwe ezingama-91.
- Ngexesha lokusweleka kwakhe, uMandela washiya ngasemva inkosikazi yakhe yesithathu uGraça Machel, inkosikazi yakhe yesibini, uWinnie Mandela, kunye neentombi zabo ezimbini, intombi kumtshato wakhe wokuqala ku-Evelyn Mase, nabazukulwana abali-18.